



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali-12.

LO 3: UKUBHALA NOKUNIKEZELA

UCAZULULO LWEMIBUZO:

ICANDELO A: IZINCOKO: 40 AMANQAKU

IMIBUZO	ISIHLOKO	UHLOBO LWESINCOKO
1.1	Ifashoni yale mihla. Bhala isincoko uchaze ngefashoni yale mihla. Ziintoni ozithandayo okanye ongazithandiyo ngale fashoni.	Esibalisayo/esichazayo
1.2	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.3	Itheko lomhla wokuzalwa kwam. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli theko.	Esibalisayo/esichazayo
1.4	Ukutolika okubonwa emfanekisweni	Esibalisayo/esichazayo
1.5	Amasela nootsotsi baninzi kule mihla eMzantsi Afrika.	Esichazayo.
1.6	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.7	Ndikhe ndaphuma nosapho lwam saya epikinikini kwindawo yolonwabo ekufutshane.	Esibalisayo/esichazayo
1.8	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE: 20 AMANQAKU

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMDE
2.1	Ingxoxo phakathi kwakho nomama wakho malunga nokuya kwitheko elikwiklabhu yasebusuku.
2.2	Ileta eya kumhlobo malunga nokuzuza imbasa yokukhenketha eMzantsi Afrika.
2.3	Ileta yokucela umsebenzi.
2.4	Irivyu yencwadi.

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE: 20 AMANQAKU

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMFUTSHANE
3.1	Isingeniso sedayari ngeveki ephelileyo esikolweni.
3.2	Iflaya ngenja elahlekileyo.
3.3	Isibhengezo-ntengiso semoto.

AMANQAKU EWONKE: 80

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

- 1.1 Ifashoni yale mihla. Bhala isincoko uchaze ngefashoni yale mihla. Ziintoni ozithandayo okanye ongazithandiyo ngale fashoni.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Injani ifashoni yale mihla?
- Yahluke njani kuleyo yamandulo?
- Amaxabiso.
- Iivenkile ezihamba phambili kule fashoni.
- Izimvo zabantu abadala nezolutsha ngefashoni yale mihla.
- Okuthandayo nongakuthandiyo ngefashoni yale mihla.

(Umfundi angathetha nangezinyo izinto malunga nefashoni yale mihla.)

[40]

- 1.2 Itheko lomhla wokuzalwa kwam. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli theko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ubudala bukasotheko.
- Indawo ebeliqhubeka kuyo itheko.
- Abantu abebemenyiwe nabebezimase itheko.
- Ukutya neziselo.
- Izithethi.
- Izinto ebezinika umdla kweli theko.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emayela netheko lomhla wakhe wokuzalwa.)

[40]

- 1.3 Amasela nootsotsi baninzi kule mihla eMzantsi Afrika.

Isincoko esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Iindidi zamasela nootsotsi.
- Zikho iimpawu zamasela nootsotsi?
- Indima yomthetho ekuthibazeni ubusela nootsotsi kwizenzo zabo.
- Indlela yokuzikhusela emaseleni nakootsotsi.
- Imizekelo yezinto ezibiwayo nezonakaliswayo.
- Ukuchaphazeleka koqoqosho lwelizwe ngenxa yezenzo zamasela nootsotsi.

(Abafundi bangathetha nangantoni na emalunga namasela nootsotsi.)

[40]

1.4 Ndikhe ndaphuma nosapho lwam saya epikinikini kwindawo yolonwabo ekufutshane.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Igama lendawo yepikiniki.
- Izinto ezinika umdla kule ndawo.
- Izinto ebeniziphethe.
- Ukutya neziselo.
- Ulonwabo kule ndawo.
- Ixesha lokufika nelokuhamba.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emalunga nepikiniki.)

[40]

1.5 1.5.1 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko. (Isehlo somlilo)

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ukutshiswa kwezindlu ngumlilo.
- Indlela umlilo oqala ngayo.
- Izinto esinokuzenza emakhaya ukulungiselela mhla kwatsha.
- Iindlela zokuzikhusela xa kusitsha.
- Uncedo lwamapolisa, amagosa onyango nabacimi-mlilo.
- Ukunika uncedo lokuqala.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto malunga nokutshiswa kwezindlu ngumlilo.)

[40]

1.5.2 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ngoobani aba?
- Inkangeleko yabo.
- Benza ntoni aba bantu?
- Inkangeleko yemithwalo yabo.
- Inkangeleko yendawo abahamba kuyo.

(Abafundi bangathetha nangantoni ephathelele koku bakubona kulo mfanekiso.)

[40]

1.5.3 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko. (Ikliniki)

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Igama lekliniki yendawo ohlala kuyo.
- Ukubaluleka kwekliniki entlalweni.
- Abongikazi.
- Umgangatho wenkonzo kule kliniki.
- Izigulo ezinokuncedwa.
- Inkangeleko yale kliniki.

(Umfundi angathetha nangantoni na malunga nekliniki.)

[40]

1.5.4 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko. (Izithuthi)

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Iindidi zezithuthi.
- Olona hlobo lwesithuthi asithandayo umfundi.
- Uhlobo lwesithuthi anaso okanye esikhoyo kokwabo.
- Umahluko phakathi kweendidi zezithuthi.
- Ukubaluleka kwezithuthi.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nezithuthi.)

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

- 2.1 Uncokola nomama wakho malunga nokuya kwitheko (kwipati) elikwiklabhu yasebusuku nomhlobo wakho. Umama wakho akayithandi le nto. Bhala le ngxoxo phakathi kwakho nomama.

INGXOXO

Qiniseka ukuba umfundi uziqokile ezi zinto kwifomathi yengxelo:

- Amagama abantu abaxoxayo.
- Ubhale kwixesha langoku, umntu wokuqala.
- Amacala mawaxoxe ngokulinganayo.
- Mayivakale xa iqala ingxoxo.
- Mayivakale xa iphela ingxoxo.

Kulindeleke ukuba umfundi nomama wakhe bancokole ngokuya komfundi kwitheko elikwiklabhu yasebusuku.

- Indawoni le klabhu?
- Umfundi uza kufikelela njani kweli theko?
- Umfundi uza kuhamba nabani ukuya kweli theko?
- Uloyiko lomzali.
- Ukhuseleko.
- Ixesha lokubuya.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga neli theko neklabhu.)

[20]

- 2.2 Wena uzuze imbasa (ibhaso) yokukhenketha kwiindawo ezinomdla eMzantsi Afrika. Bhala ileta uxelele umhlobo wakho.

ILETA YOBUHLOBO

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali.
- Umbuliso.
- Intshayelelo.
- Umongo.
- Isiphelo.

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Uyinikwe ngubani le mbasa?
- Uyiphumelele njani le mbasa?
- Uza kuyisebenzisa njani ekukhuthazeni oontanga bakho le mbasa?
- Intsingiselo yale mbasa ebomini bakho.
- Iindawo ozikhenkethileyo.

(Umfundi angathetha nangezinye izinto ezimalunga nale mbasa ayizuzileyo.)

[20]

- 2.3 Ubone isibhengezo somsebenzi owuthandayo kwiphephandaba. Bhalela umanejala walo msebenzi ileta wenze isicelo sokusebenza kwindawo yakhe.

ILETA ESEMTHEHWENI

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali
- Idilesi kamanejala
- Umbuliso
- Isihloko
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Inkcazo emfutshane ngaye.
- Izakhono zakhe kolu hlobo lomsebenzi.
- Amaphupha neminqweno yakhe ngalo msebenzi.
- Indlela asifumene ngayo isibhengezo somsebenzi.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nokuzithengisa kwakhe njengomntu omele ukuqeshelwa lomsebenzi.)

[20]

- 2.4 Usandul`ukufunda incwadi oyithandileyo. Bhala irivyu ngale ncwadi uthethe ngabadlali, indawo, ibali (umxholo), izinto ozifundileyo nezinika umdla kule ncwadi.

IRIVYU

Kulindeleke ukuba umfundi abandakanye oku kule rivyu:

- Ifundwe phi nanini le ncwadi?
- Isihloko sencwadi.
- Umbhali wencwadi.
- Uhlobo lwencwadi.
- Abalinganiswa.
- Isimo sentlalo.
- Umongo wencwadi.
- Imfundiso yale ncwadi.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emalunga nencwadi ayifundileyo.)

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

- 3.1 Iveki ephelileyo ibimnandi kakhulu kuwe esikolweni. Bhala isingeniso sedayari ukusuka ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu weveki ephelileyo. Qala isingeniso ngasinye ngokubhala umhla.

ISINGENISO SEDAYARI

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto kwisingeniso sakhe sedayari:

- Izinto ezenzekileyo kumhla ngamnye.
- Amanqakwana ngezifundo.
- Amanqakwana ngemidlalo.
- Amanqakwana ngophando lwemisebenzi yesikolo.
- Amanqakwana ngeziphumo zemidlalo nomsebenzi wesikolo.
- Izinto ebezenza kule veiki nabahlobo.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emalunga nale veiki esikolweni kwingeniso yakhe yedayari.)

[20]

- 3.2 Izolo kulahlekeinja yakho. Bhala iflaya oza kuyixhoma emithini, kwiipali zombane nakwindawo ohlala kuyo. Injani le nja, ingakanani, igama layo, ithini idilesi yakho nenombolo yakho yefowuni?

IFLAYA

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye noku kulandelayo kule flaya:

- Igama lale nja.
- Ibala layo nenkangeleko yayo.
- Ixesha nosuku lokulahleka kwale nja.
- Iinkcukacha zakho.
- Iinkcukacha zomntu osemthethweni ekunokuqhagamshelwana naye.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emalunga nenja yakhe elahlekileyo kule flaya.)

[20]

- 3.3 Uthengisa imoto entsha kraca. Yila uze ubhale isibhengezo-ntengiso ngale moto uthethe ngodidi (ngohlobo) lwayo, umbala, ixabiso nezinye izinto ezintle ngayo.

ISIBHENGEZO-NTENGISO

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kwesi sibhengezo-ntengiso:

- Uhlobo lwale moto.
- Unyaka eveliswe ngawo.
- Iikhilomitha esele izihambile.
- Ixabiso layo.
- Iinkcukacha zakho.

(Umfundi angabandakanya nantoni na emalunga nale moto yakhe ayithengisayo.)

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80

ICANDELO A: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA ISINCOKO (IZINCOKO) (AMANQAKU: 40)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANQAKU	22 ½ –28	20–22	17–19 ½	14–16 ½	11 ½ –13 ½	8 ½–11	0–8
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amanqaku: (28)	Umxholo ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo Isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kuthungelwano. Izimvo kuzamekile kodwa ziyaphinda-phindwa. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esibonakala sisamkeleka nesinohungelwano.	Umxholo Izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo Uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye isincoko sixazalala.
	6–7	5–5 ½	4 ½	3 ½–4	3	2 ½	0–2
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO Amanqaku: (7)	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile, ukusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kolwimi olusulungekileyo nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo.	Ingqaliselo kulwimi iphakathi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi, ulwimi luphakathi kwaye luyamelana neemfuno zesi sihloko, nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa kodwa zinobungqina obanelisayo besihloko.	Ulwimi neziphumlisi luyazameka kodwa alusetyenziswanga ngokuchanekileyo, uchongo magama luzamekile, ulwimi aluthengelani kwaye alungqinelani nesihloko, sineziphoso ezineqela emva kohlelo.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso Ulwimi alungqinelani nesihloko.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso kakhulu. Sibonakalisa iziphoso nokubhidanisa kakhulu izimvo emva kohlelo.
	4–5	3 ½	3	2 ½	2	1 ½	0–1
ULWAKHIWO Amanqaku: (5)	Ukukhula kwesihloko ngokuthengelana. Umxholo uphuhlile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo konke kugqwesile. Ubude buchanekile.	Ukukhula komongo ngokulandelelanayo. Kukho uthungelwano. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo kuphakamile kakhulu. Ubude buchanekile.	Izimvo zomongo zimbhalwa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude konke kukwizinga eliphakathi kwaye zicacile. Ubude buphantse banelisa.	Amanye amanqaku nezimvo ezifanelekileyo zixeliwe. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude konke kuyanelisa.	Ezinye izimvo ezifanelekileyo ziyavela. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo zineziphoso kodwa zizamekile ukuphuhla nobude buzamekile (side kakhulu/sifutshane kakhulu).	Ngamanye amaxesha uyaphuma kwisihloko. Kunzima ukulandela iingcinga zakhe. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo asiphuhlanga ncam nobude abuphuhlanga ncam (side kakhulu/sifutshane kakhulu).	Uphumile kwisihloko. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude (side kakhulu mpela/sifutshane kakhulu mpela) asiphuhlanga kwaphela.

ICANDELO B: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANQAKU	11 ½–14	10–11	8 ½–9 ½	7–8	6–6 ½	4 ½–5 ½	0–4
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amanqaku: (14)	Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma itekisi enika imbadla kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye akafane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakuhle.	Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla nesithungelanayo. Usebenzise imithetho emininzi efanelekileyo yesakhiwo.	Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwanelisayo.	Uzamide ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Unolwazi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho iimpazamo ezibonakalayo.	Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukuncipha kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, zibalwa izimvo ezixhasa isihloko. Ubungqina besicwangciso bunciphile. Itekisi ayibhalwanga kakuhle. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakuhle - kukho izinto ezibalulekileyo ezishiyiweyo.	Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uthungelwano izimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezibalwa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
	5–6	4 ½	4	3–3 ½	2 ½	2	0–1 ½
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO Amanqaku: (6)	Itekisi ibhalwe ngegrama echanelekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakamileyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe kwizinga eliphakamileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakathi ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	Itekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise ukuphuhla okwaneleyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwanelisayo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Itekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlelo. Ubude buphantse buchaneke ngokwanelisayo.	Uzamide ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamide ukubhala itekisi nangona iyitekisi eneziphene eziliqela emva kohlelo. Ubude – inde/imfutshane nje.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde/imfutshane kakhulu.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeleki tu emva kohlelo. Ubude – inde/imfutshane kakhulu mpela.

ICANDELO C: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANQAKU	11 ½–14	10–11	8 ½–9 ½	7–8	6–6 ½	4 ½–5 ½	0–4
UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amanqaku: (14)	Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma itekisi enika imbadla kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfuno zetekisi Umfundi uhlala emxholweni kwaye akafane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakuhle.	Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla nesithungelana. Usebenzise imithetho emininzi efanelekileyo yesakhiwo.	Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwanelisayo.	Uzamide ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Unolwazi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho iimpazamo ezibonakalayo.	Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukuncipha kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, zibalwa izimvo ezixhasa isihloko. Ubungqina besicwangciso bunciphile. Itekisi ayibhalwanga kakuhle. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakuhle - kukho izinto ezibalulekileyo ezishiyiweyo.	Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uthungelwano izimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezimbalwa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
	5–6	4 ½	4	3–3 ½	2 ½	2	0–1 ½
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO Amanqaku: (6)	Itekisi ibhalwe ngegrama echanelekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakamileyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe kwizinga eliphakamileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	Itekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhla okuphakathi ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	Itekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise ukuphuhla okwaneleyo ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwanelisayo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Itekisi iseneqela leziphoso ezibonakalayo emva kohlelo. Ubude buphantse buchaneke ngokwanelisayo.	Uzamide ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamide ukubhala itekisi nangona iyitekisi eneziphene eziliqela emva kohlelo. Ubude – inde/imfutshane nje.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde/imfutshane kakhulu.	Itekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Itekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeleki tu emva kohlelo. Ubude – inde/imfutshane kakhulu mpela.